

ILizwi LikaThixo Leza KuMprofethi William Marrion Branham

"Imimoya Elukuhlayo Ichasa ILizwi LikaThixo"

Musa ukumgweba umoni. Yiba nenceba nguye. Myeke aqhubeke atshaye inqawe yakhe, myeke asele utywala bakhe, myeke aqhube umgidi wakhe wamakhasi. Lulonwabo lwakhe olo. Musa ukumsola. Xa efika ekhaya nezinto ezinjalo, edinwe ephelile, ufuna ulonwabo. Into omelwe kukuyenza kukuphila obona bomi bobuthixo ukuze ube nokumahlulela ukuba iNdaba eZilungileyo ziphethe okungaphezulu kolo lonwabo ngokuphindwe ngeshumi lamawaka. Kodwa ukuba ufele kuloo meko uyakuya eSihogweni, ekobo tywala bakhe. Kukunxilisa kukaSathana oko. Ukuba ubhubhe etsala laa nqawe, nguThixo uMgwebi wakhe. Ukuba usweleke, ehamba apha phandle, edanisa, ejikeleza enxibe impahla yokuziphatha kakubi, uThixo nguMgwebi wakhe.

Kodwa kukho into enye, ukuba ubhubhele phantsi kwentambiso yaMandla kaMoya oyiNgcwele, njengokuba uStefano wenzayo wakukhangela phezulu ebusweni bukaThixo, wathi, "Ndibona aMazulu evulekile, noYesu emi ngakwingalo yasekunene," uya ngqo eZulwini, ngokwenkonjane ingena kwindlwana yayo. Amen.

Imimoya elukuhlayo ichasa iLizwi likaThixo! Yekelela nje, makuqhubeke. "Uyenza njani loo nto, Mzalwana uBranham?" Yeka nje kwenzeke. Yiloo nto kuphela omelwe kukuyenza. Thabatha iLizwi likaThixo. Musa ukuzama ukuvelisa nto. Musa ukuhla uye esibingelelweni, usingombe, ukhwaze, "Nkosi, ndiphe uMoya oyiNgcwele! Nkosi, ndiphe uMoya oyiNgcwele!" Akezi kuwe, ungomba isibingelelo. Ayincedi nto loo nto. Hayi. Asiyondlela Eza ngayo leyo. KukuMthabatha, eLizwini laKhe!

Khangela uPetrosi. UPetrosi wayekwimeko embi, kukhangeleka ngokungathi uza kufa. Waze wayibona

iNkosi isiza, ihamba phezu kwamanzi. Waze wathi, "Nkosi, ukuba nguWe lowo, yithi mandize."

Yathi iNkosi, "Yiza."

Ngoku uPetrosi wathi, "Ngoku yima umzuzwana, Nkosi, makhe ndithabathe inzila yentsuku ezimashumi mane, ukuze ndibone ukuba ndinganako na ukuhamba phezu kwala manzi, okanye hayi. Owu Nkosi, makhe ndibe noMoya owaneleyo, ukuze ndibe nokuxhentsa kuMoya ndithethe ngeelwimi, kulo mkhombe, ukuze ke nditsibe."? Hayi, Mhlekezi! Wamthabatha eLizwini lakhe uThixo, wayekelela nje kwenzeka. UThixo wamphumelelisa.

Ngekwaba yintoni ukuba uThixo wayehlangene noMoses, waze Wathi, "Moses, yihla uye phayaa ungene eYiphutha, uxelele uFaro, 'Khulula abantu baM'"? Ngekwathini ukuba uMoses wayethe, "Makhe ndithabathe inzila yamashumi amane entsuku, kuqala, ndibone ukuba ndinokholo olwaneleyo na lokuKuthobela, Thixo. Ndiphe into, enye into Nkosi. Makhe ndiKuxelele into, makhe ndibone ukuba ndiyangena na eMoyeni, kuqala"? UMoses akazange abuze mbuzo, wathabatha nje uThixo eLizwini laKhe, wangena endleleni. Yindlela ekufuneka wenze ngayo ke leyo, thabatha uThixo eLizwini laKhe. Ngoko ke uyakwazi ukuba uyakubanako ukuyenza. Akazange alindele ukuba kude kubekho enye into ethile eyenzekayo, wahamba nje wakwenza.

Uthini ngo-Eliya, ekuhleni kwakhe eNtabeni yeKarmele, wayehleli ithuba elide. Waze wahlangana nehlwempu lexhegokazi elingumhlokokazi, waye ngo... wayengowasemzini, iNtlanga. Wathi akuhlangana naye phaya ezantsi, wayechola-chola iinkuni, eyadini. UThixo wamxelela, "Yihla uye kulaa ndlu yalaa mhlokokazi." Enjani yona indawo ukuba kuye umshumayeli kuyo!

Nako esihla esiya kuloo ndlu yomhlokokazi. Wathi akufika, wayenenkunana ezimbini. Wathi, "Wenza ntoni?"

Wathi, "Ndichola iinkuni. Ndinokutyana nje okwanele ukwenza amaqebengwana amabini. Yiloo nto kuphela endishiyeke nayo. Yiminyaka mithathu singasayifumani

imvula." Waze wathi, "Ngoko ndizakwenza la maqebengwana. Ukuze mna nonyana wam siwadle, sife ke."

Wathi yena, "Yenzela mna libe linye, kuqala!" Halleluya! Owu, ndi—ndiyazi ukuba ndibuphambana, kodwa kwicala leNkosi, nangoko. Wathi, "Yenzela mna libe linye, kuqala! Kuba, ITSHO INKOSI!" Nantso ke.

Yintoni na? "Funani uBukumkani bukaThixo kuqala, nobulungisa baKhe!" Hayi uBukumkani bukaThixo kunye "nentwanana yengxolo," hayi uBukumkani bukaThixo kunye "nentwanana yemihlali," hayi uBukumkani bukaThixo kunye "nentwana yoku okanye okuya." Kodwa, "UThixo, ebulungiseni baKhe, yaye zonke ezinye izinto ezi ziyakongezelelwa kuni!" Beka kuqala!

Ngoku, ngoko sikuvile oko. Ukholo luza ngokuva, ukuva ke ngeLizwi. Wathi, "LiLizwi leNkosi elo, ngokuba yindoda engcwele yakwaThixo leya. Ngumprofethi kaThixo lowa, kananjalo ndiyazi ukuba yinyaniso leya. Kwaye liLizwi likaThixo."

Ngoku, akazange abaleke awele ayokubuza kubamelwane ukuba uyakuyenza kanjani na. Wayengafuni kuhamba echaza izinto za. . . axelele abamelwane, athi, "Ngoku, nicinga ntoni nina? Nankuya umshumayeli phaya endlwini yam ethetha oku. Susie, ucinga ntoni wena ngale nto."

Wangena, waqalisa ukukhuphela phandle. Wayeka nje kwemka. Wayeka ukuba kumke oko wayenako, ukuze abe nokufumana ngakumbi. Yiloo nto eliswele yona ihlabathi namhlanje, kukuyekelela kwakudala ukuba kumke oko unako. Halleluya! Waba nokukhuphela phandle, ukuze abe nokuzaliswa. Wakhupha yonke i-oli awayenayo, nayo yonke i-oli awayenayo nokutya awayenako, ekusa kumshumayeli, ekusa eBukumkanini bukaThixo. Wathi akukukhuphela konke apho, uThixo wehla, wawuzalisa umphanda, walizalisa igubu le-oli. Wakukhuphela kwakhona kwisitya sikamshumayeli, waze Yena wehla walizalisa kwakhona. Wakhuphela. Lonke ixesha ekhuphela, wazalisa Yena.

Ndizakuthi namhlanje, ukuba abantu bangakhupha yonke le mfitshimfitshi yokuqhubeka nokulinganisa uBukristu, bavumele uMoya oyiNgcwele athathe indawo yakhe, kuyakubakho imvuselelo eyakuqala kwa-8 kwiStalato iPenn eyakutshayela ilizwe liphela. Yekani imfeketho, nibuyele eLizwini likaThixo. Khuphelani phandle, ukuze nibe nokuzalisa. Yenza kumke nje, kwaye uThixo uyakwenza kuze. Khuphela phandle wena, uThixo uyakuzalisela phakathi. Zonke izinto zokudlala, "Hamba uyokwenza oku ube uhambe uyokwenza okuya, ufanelwe kukuba wenze oku, ufanelwe kukuba wenze okuya." Libala ngaloo nto! Yikhuphele ngaphandle emphefumleni wakho!

Yithi, "Thixo, ndenze ukuba ukususela konke... kule mini, ndibe ngowaKho ngokupheleleyo. Nkosi, ndiza ndinentliziyo eyaphukileyo. Ndiza ndinomoya obuhlungu. NdiyaKuthanda, kwaye Uyazi ukuba ndiyaKuthanda. Kwaye ndifuna ukulibala ngabo bonke obu budenge benzila yamashumi amane eentsuku ukuze ndibone ukuba andinakusondela na kuThixo, nako konke oku, okuya, kunye nanye, yonke le mfeketho."

Yipheze! Akukho nto eLizwini ikuxelela ukuba ube nenzila yamashumi amane eentsuku. Akukho kwanto. Akukho kwanto emhlabeni ekuxelela ukuba uzile, ngaphandle kokuba uThixo ukuxelele. Ngoko ukuba uyazila, awusayi kulamba, ube zizo zonke ezi zinto. Njengokuba uzilile, mzalwana, uyakuba unovuyo wonwabile lonke ixesha. Wathi, "Musani ukubonakala phambi kwabantu njengokuba besenza abahanahanisi, bequmbile, benobuso obunosizi. 'Ndizile amashumi amane entsuku, ipleiyiti zam azisayi kundonela kwakhona. Ndihle ngamashumi amathathu eeponti ubunzima, kwaye bandixelela ukuba ndikhangeleka ngcono emva kokuba kudlule oku.'" Owu, yimfeketho! Yimimoya ehendayo kaSathana.

Phakama esiguqweni, uze uthi "uzuko, uzuko, uzuko" ude uphantse ungakwazi nokuthetha enye into, baze bathi,

“Kufuneka uthethe ngeelwimi phambi kokuba ufumane uMoya oyiNgcwele.” Yimfeketho! Yikhuphe phandle!

Yikhuphe loo nto kwinkqubo yakho uze eLizwini likaThixo! Wathi Yena, “Guqukani, nonke ngabanye, nibhaptizwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izonzo, namkele isiphso soMoya oyiNgcwele.” Ukuba uThixo akaligcini iLizwi laKhe AkangoThixo. Amen. Khuphela ngaphandle! Mawuzaliswe! Amen. Kwowu! Ndiyayithanda loo nto, liLizwi laKhe elo. UThixo watsho. Kunjalo. Njengokuba uThixo walithethayo, uThixo uyakuligcina. Kunjalo. Onke amalungiselelo owenzayo, konke ukuya enkonzweni onokukwenza. . .

Kufana nje nalapha ezantsi kumzi wokwenza iimoto apho bakha khona iqela leenqwelo zempahla, okanye iqela elikhulu leemoto zabahambi. Ndandike ndasebenza phaya. Bayawathabatha ke bawakhe amakhalitshi abo amanzi nako konke, babeke umthi olukhuni, bafake i-mahogany jikelele, nento yonke intle olo hlobo, bayikhuphe bayibeke phaya emgceci, ibe ife cum. Nantsiya injini, ingenamphunga kuyo, ihleli nje phaya.

Into eyifunayo namhlanje ngumlilo ovela kumbaseli. Into eyisweleyo namhlanje ngumphunga. Into eliyisweleyo namhlanje, ibandla, ukuze libile. . . Okona kubila kwakha kwashushu kwento okunokubalisa isono siphume ebomini bakho, luthando. Kwaye ukuba aninakuthandana, niyakumthanda njani uThixo Eningambonanga? UThando lugubungela inkitha yezono. Thandanani noThixo, yaye niyakuthandana nani, kwaye niyakulithanda ibandla, niyakuyithanda iMbangi, niyakuyithanda yonke into enobuthixo, yaye niyakuzigcina kude kwizinto zehlabathi.

Imimoya elukuhlayo iyajikeleza ixelela abantu *oku, nokuya okanye kunye nokunye*, “Bafanele benze *oku, bafanele benze okuya*.” Kungenxa yokuba amahlelo aphaphamile, aba nentwanana yesityhilelo athi, “Kulungile, ngoku, ndiyakholwa ukuba umntu. . . ndiyakholwa kwinto enjengokukhwaza, eBhayibhileni.” Kunjalo, yinyaniso leyo. Benze amahlelo ngaloo nto, “Xa ungxola, uMfumene.” Kube kungekho nto unayo.

Olandelayo wavela, wathi, "Kukuthetha ngeelwimi." Kunjalo, iseBhayibhileni loo nto. "Kodwa wakuthetha ngeelwimi uyifumene." Kodwa abaninzi kubo bathethe ngelwimi kodwa ababa nayo. Yabona? AsiYiyo leyo. Hayi, mhlekazi.

Abaninzi kubo bathi, "Ngoko, kufanele ukuba siprofethe."

Khangela kwababaprofethi apha baneempondo ezintlokweni zabo, bexhuma-xhuma benyuka besihla beprofetha. Kodwa uMikaya wathi, "Niyaxoka nina, nonke, ngabanye." Amen. Kunjalo. UThixo akukuthandi oko. UThixo uza kwintliziyo enyanisekileyo oko kuhamba nomoya obuhlungu, owaphukileyo. "Lowo uphuma ehamba ehlwayela enenyembezi ngaphandle kwamathandabuzo uyakubuya ememelela, esiza ephethe izithungu ezithandekayo." Amen. Lungisa oko, sihlobo.

(Isuka ku-*Imimoya Elukhlayo*, Julayi 24, 1955)

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS

P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.

www.branham.org